



## basic education

Department:  
Basic Education  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

### IMVUMELWANO EYIMBOPHELELEKO EMALUNGA NEEMVIWO ZESATIFIKETHI SEMATRIKI SIKAZWELONKE ZANGO-2021

#### ILETA EYA KUBAVIWA/KUBAZALI/KUBAGCINI

|  |  |  |  |  |  |  |  |  |  |  |  |  |
|--|--|--|--|--|--|--|--|--|--|--|--|--|
|  |  |  |  |  |  |  |  |  |  |  |  |  |
|--|--|--|--|--|--|--|--|--|--|--|--|--|

IGAMA LOMVIWA

INOMBOLO YESAZISI

IGAMA LESIKOLO

ISITHILI

1. Uviwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke lulawulwa yaye luqhutywe ngokwemimiselo i-**Regulations pertaining to the conduct, administration and management of assessment for the National Senior Certificate examination**, eyapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No. 31337 ye-29 Agasti 2008, kuwo onke amaphondo kweli lizwe.
2. Nakuphi na ukutenxa okanye ukutyeshelwa kwale Mimiselo ngumviwa obhalisele ukubhala iimviwo zeNSC kuya kudlelela intembeko yoviwo yaye **iziphumo** zomviwa zinokuthathwa **njengento elilize nengekhoyo** ngokwemigqaliselo emiselwe kwiMimiselo. Kunyanzelekile ke ngoko ukuba bonke abaviwa babe nolwazi ngemigaqo nemimiselo yaye bayisayine ngoko le fom iqhotyoshelweyo yokukuvuma oku (*acknowledgement form*). Abazali/abagcini nabo kufuneka basayine ngokunjalo ukuvuma ukuba banolwazi ngale migaqo nemimiselo.
3. Phambi koviwo, umviwa nomzali/nomgcini mabaqaphele oku kulandelayo:
  - (a) Umviwa ngamnye makabhalisele ukubhala iimviwo zeNSC zango-2021.
  - (b) Ubhaliso luya kuqinisekiswa kwileta yokwamkelwa eluviweni (*admission letter*) ayinikiweyo umviwa nengqinisisa oku kulandelayo:
    - (i) Igama elipheleleyo nefani
    - (ii) Inombolo yoviwo
    - (iii) Igama lesikolo
    - (iv) Izifundo nenani lamaphepha aza kubhalwa ngumviwa; kunye
    - (v) Nemihla namaxesha ekuya kubhalwa ngawo iphepha ngalinye
  - (c) Abazali nabagcini mabatshekishe yaye baqinisekise oku kulandelayo:
    - (i) Imihla namaxesha ekubhalwa ngawo iphepha ngalinye
    - (ii) Ukufika kwiziko lokubhalela uviwo kwangexesha (ubuncinane kwiyure enye enehafu phambi kwexesha lokuqalisa)
    - (iii) Umviwa ngalo lonke ixesha makabenayo kuye ileta yokwamkelwa eluviweni neSazisi (*Identity Document*) yaye makabe nazo zonke izinto zokubhala eziyimfuneko kwelo phepha; yaye
    - (iv) Abaviwa balindeleke ukuba banxibe iuniform yabo yesikolo xa bebhala uviwo.

4. Abaviwa mabaqaphele oku kulandelayo:
- (a) Abaviwa babophelelekile ngokumalunga nayo yonke imiba ebhekiselele kuviwo ngokuthi bayithobele imiyalelo yomgadi wabaviwa neyomgadi wabaviwa oyintloko.
  - (b) Abaviwa balindeleke ukuba baphendule imibuzo ekwiphepha lemibuzo, ngokwabo, ngaphandle koncedo loontanga okanye lootitshala babo. Kwiimeko apho ingutitshala okanye ingumgadi wabaviwa okanye umfundi onika uncedo, kuluxandiva lomviwa ukwazisa umgadi wabaviwa oyintloko oku ukwenzela ukuba akuthathele ingqalelo. Ukungaphumeleli ukuluxela olu ncedo lufana nolu, kuya kuba nesiphumo sokuba lo mviwa athathwe njengobandakanyekayo kweso sitenxo siviwo.
  - (c) Kuluxanduva ke ngoko lomviwa ukunika ingxelo ngayo nayiphi na ingcaciso okanye amarhe amalunga nezitenxo kwinombolo engxamisekileyo yokunika ingxelo ngezoviwo (*examination hotline*) eyenzelwe le njongo. Inombolo engxamisekileyo yezoviwo iya kuba yinkonzo yeeyure eziyi-24 (*24hour service*). Ukongeza ekunikeni ingxelo ngalo mba, kule *examination hotline*, le ngcaciso mayichazelwe inqununu yesikolo. Ukungaphumeleli ukwenjenjalo kuya kuthathwa njengeyelenqe yaye umviwa unokuthwaliswa uxanduva lokuphendula ngalo mba .
  - (d) Kwiimeko apho umviwa ethunyelelwe nge-imeyili, nge-SMS, ngo-WhatsApp okanye ngayo nayiphi na indlela yonxibelelwano ngekhompyutha, iphepha lemibuzo, okanye iinxenye zalo aze angaphumeleli ukusixela eso sehlo kumgadi wabaviwa/kumgadi wabaviwa oyintloko, uya kuthathwa njengomntu obandakanyekayo kweso sehlo.
  - (e) Bonke abaviwa kuya kufuneka bazalise *i-Electronic Device's Register* eya kulawulwa sisikolo. *I-Electronic Device's Register* iya kufuna abaviwa barekhode zonke iinkcukacha zeselula okanye zayo nayiphi na idivayisi *i-electronic device* abaya kuyisebenzisa ngethuba loviwo, ngethuba loviwo: 27 Oktobha 2021 ukuya kwi-07 Disemba 2021. Ukuba itshintshiwe iselula okanye nayiphi na idivayisi engenye ngethuba loviwo, oku makwaziswe inqununu. (Inombolo yefoni neenkukacha ezimalunga noko zinokuthathwa njengengcaciso yobuqu njengoko kuchatshazelwe kwisiqendu soMthetho *i-Protection of Personal Information Act, 2013 (Act No 4 of 2013) (POPIA)*. Ngokusayina esi sivumelwano, umviwa unika ngokwesiqendu 11(c) sePOPIA invume yakhe yokuba ingcaciso yobuqu yakhe mviwa inokusetyenziselwa iinjongo zokubhala nezokulawulwa kweeMviwo zeNSC).
  - (f) Akuba umviwa ekwigumbi lokubhalela uviwo, umviwa makaqinisekise oku kulandelayo:
    - (i) Akukho zinowuthsi okanye nayiphi na imathiriyeli engavumelekanga kwigumbi lokubhalela uviwo amakabenayo kuye umviwa. Ukufunyanwa unazo naziphi na iinowuthsi okanye imathiriyeli kwigumbi lokubhalela uviwo kuthathwa njengesitenxo.
    - (ii) Makungaziwa nazo iiselula okanye naziphi na ezinye iidivayisi kwigumbi lokubhalela uviwo. Nayiphi na idivayisi elolu hlobo abafunyanwa benayo kubo abaviwa, nokuba ayisetyenziswanga ngethuba lokubhala uviwo ikwasisitenxo yaye kuya kumiselwa isohlwayo esifanelekileyo ngesi senzo.
  - (g) Kuluxanduva lomviwa ukutshakisha ukuba balifumene na iphepha kunye/okanye isifundo asibhaliseleyo kuviwo.

- (h) Akukho ncwadi yeempendulo (okanye inxenye yencwadi yeempendulo/yephepha leempendulo), mayisuswe kwigumbi lokubhalela uviwo nokuba ngaba isetyenzisiwe na okanye ayisetyenziswanga. Ukuba kuyenzeka oku, kuya kuthathwa njengesitenxo yaye umviwa **AKAYI** kufumana khredithi kwelo phepha loviwo.
- (i) Apho umviwa ebhala isifundo okanye ulwimi lwenqanaba elingachanekanga (kwimeko yephepha lolwimi), oku kuya kuthathwa njengesitenxo semeko ethile eqhubeka kwinkqubo yoviwo (*technical irregularity*) yaye kuya kukhokelela ekubeni iziphumo zomviwa zingapapashwa/zirhoxiswe/zilibaziseke.
- (j) Kucetyiswa abaviwa ngokumandla ukuba bangazisebenzisi iindidi ezahlukileyo zendlela yokubhala (styles of handwriting) kwiincwadi zabo zeempendulo, njengoko oku kunokungaqondwa ngummakishi njengempendulo ebhalwe ngomnye umntu nokunokukhokelela ekubeni kwenziwe uphando oluya kuzilibazisa iziphumo zabaviwa.
- (k) Indlela yokuziphatha komviwa phambi, ngethuba nasemva kokubhalwa kwephepha lemibuzo ibalulekile. Ayiyi kunyamezeleka indlela yokuziphatha ephazamisayo nengalawulekiyo yaye umviwa unokuthintelwa angalubhali uviwo.
- (l) Kwimeko apho umviwa abandakanyekayo kwisitenxo soviwo, umzali/umgcini nomviwa mababekho yaye bafumaneka, njengoko ukungaphumeleli ukwenjenjalo kuya kukhokelela ekubeni kulibaziseke ngokungaphezulu ukukhutshwa kweziphumo zomviwa.
5. Iindidi eziphambili zezitenxo ezinokwenzeka ngethuba lokubhalwa koviwo zidweliswe kwiphepha 5.
6. Apho umviwa efunyaniswe eyityeshela imigaqo okanye imimiselo nokuba yeyiphi na njengoko icacisiwe apha ngentla, iSebe leMfundo esiSiseko linelungelo lokuzenza iziphumo zomviwa zibe lilize nento engekho yaye banokuthintelwa ekubhaleni **uviwo olunye ukuya kwiimviwo ezintathu ezilandelelanayo** (njengoko kucacisiwe kwiMimiselo (*Regulations*) kwi-Gazethi kaRhulumente No 31337 ye-29 Agasti 2008). Unokumangalelwa ngokwaphula umthetho umviwa othe wafunyaniswa ebandakanyeka ekupapashweni kwalo naliphi iphepha lemibuzo loviwo phambi kokuba libhalwe.
7. Umviwa nomzali/nomgcini mababe nolwazi lokuba ukuba kunokwenzeka ukuba umviwa avume ukuncediswa kungakhathaliseki nokuba ngubani onika uncedo (o.k.t utitshala, umgadi wabaviwa okanye omnye umfundi) baya kuthathwa njengowenze iyelenqe nomntu onike uncedo, yaye ke ngoko uya kunikwa isohlwayo esifanelekileyo.
8. Abazali/abagcini babaviwa nabaviwa mabaqaphele ukuba, ukuba kungafunyaniswa ukuba iphepha lemibuzo lipapashwe lingekabhalwa (*leaked*) (o.k.t. inxenye yephepha lemibuzo okanye iphepha lemibuzo elipheleleyo liya lafunyanwa phambi koviwo), uMlawuli-Jikelele kunye no-Umalusi, baya kwenza isigqibo ngokuba ingaba iphepha lemibuzo/amaphepha emibuzo kuya kufuneka abhalwe kwakhona.

9. Umviwa ekurhaneleka ukuba uye walifumana iphepha lemibuzo okanye inxenye yephepha lemibuzo, ngaphambi koviwo, kuya kufuneka angenise iselula yakhe okanye nayiphi na enye idivayisi eyi-electronic device kwiSebe iDBE ukwenzela ukuba ziphononongwe ngokungaphezulu. Umviwa ngokwenjenje, unika imvume yakhe ngokwecandelo 11(c) le-POPIA yokuba ingcaciso ekwiselula inokusetyenziselwa injongo yolu phononongo.
10. Kuya kuthathwa inyathelo loluleko ngakulo magosa achaphazelekayo kwizitenxo kumaziko okubhalela uviwo.
11. Kubalulekile ukuba abazali/abagcini nabaviwa babe nolwazi ngale migaqo nemimiselo ilandelayo imalunga ne-COVID-19 nemayilandelwe mbo.
  - (a) Abaviwa mabafike kwiziko loviwo ubuncinane kwiyure enye enehafu phambi kokuqala koviwo yaye mababe sele behlaliswe kwigumbi lokubhalela uviwo ubuncinane kwimizuzu eyi-30 phambi kokuqala koviwo.
  - (b) Bonke abaviwa abafika kwiziko lokubhalela uviwo baya kuhlolwa
  - (c) Abaviwa mabazicocce yaye bazihlanzise izandla zabo phambi kokuba bamkelwe kwigumbi lokubhalela uviwo.
  - (d) Makunxitywe iimaski lonke ixesha ngabo bonke abantu abangena kwigumbi lokubhalela uviwo.
  - (e) Isicwangciso sendlela yokuhlala kwabafundi siya kulandela iprothokholi yomgama wokuqelelana oyimitha enye phakathi kwabo.
  - (f) Iprothokholi yokuqelelana mayihlale igciniwe ngawo onke amaxesha kuquka naxa kufolelwe ukubonisa iSazisi neleta yokwamkelwa eluviweni, phambi kokungena kwiziko loviwo.
  - (g) Umviwa obonisa ukuba uneempawu ze-COVID-19, kuqukwa neqondo lobushushu elingatshintshiyo elingaphezu ko-38 °C uya kuvunyelwa ukuba abhale uviwo kwigumbi labucala yaye makathethane nepraktishina yezempilo (*health practitioner*) ngokukhawuleza emva koviwo.
  - (h) Ukuba umviwa uyala ukuhlolwa, akayi kuvunyelwa ukuba angene kwiziko lokubhalela uviwo
  - (i) Abaviwa baya kucelwa ukuba bakhulule iimaski zabo ukwenzela ukuba babonwe phambi kokuba bangene kwiziko lokubhalela uviwo
  - (j) Abaviwa abafunyaniswe bosuleleke yi-COVID-19, mabazise inqununu ngokukhawuleza neya kubonisana nomlawuli wesithili ukubona ukuba unokulungiselelwa njani na umviwa kwindawo yabucala, ukuba umviwa unako ukubhala uviwo. Abaviwa abafunyaniswe bosulelekile, kodwa bengenako ukubhala uviwo, baya kuvunyelwa ukuba babhale uviwo olulandelayo ngoMeyi/Juni 2022.
  - (k) Umzali/umgcini/umviwa makaxelele inqununu ukuba umviwa ufunyaniswe osuleleke yi-COVID-19, kungajongwanga ukuba ngaba umviwa ubonisa iimpawu okanye akunjalo. Ukungaphumeleli ukuyixela imeko yosuleleko yomviwa sisenzo solwaphulo-mthetho esixhomisa amehlo yaye oko kunokukhokelela ekubeni umntu atshutshiswe ngokomthetho.

**INGQINISEKISO YOKUNYANISEKA NGUMZALI/NGUMGCINI**

Mna, \_\_\_\_\_ ongumzali/ongumgcini ka- \_\_\_\_\_

(Amagama apheleleyo oMzali/oMgcini)  
lomfundi)

(Igama elipheleleyo

ndivakalisa ukuba ndiyifundile yaye ndiyiqondile imigaqo nemimiselo emalunga nokubhalwa kweemviwo zeNSC neziphumo eziya kubakho ukuba kungenzeka ukuba umntwana wam/umntwana endimgcinayo ophule nayiphi na imigaqo kule migaqo.

\_\_\_\_\_  
(Isignitsha)

\_\_\_\_\_  
(Umhla)

**INGQINISEKISO YOKUNYANISEKA NGUMFUNDI**

Mna, \_\_\_\_\_,  
(Igama elipheleleyo lomfundi) \_\_\_\_\_  
(Inombolo yoviwo)

ndivakalisa ukuba ndiyifundile yaye ndiyiqondile imigaqo nemimiselo emalunga nokubhalwa kweemviwo zeNSC neziphumo eziya kubakho ukuba kungenzeka ukuba ndiyityeshele nayiphi na imigaqo kule migaqo.

\_\_\_\_\_  
(Isignitsha)

\_\_\_\_\_  
(Umhla)

**IGUNYAZISWE YINQUNUNU (Ex Officio)**

Mna, \_\_\_\_\_ wase- \_\_\_\_\_  
(Igama lenqununu) (Igama leSikolo)

ndiyangqina ukuba le ngqinisekiso yokunyaniseka ingentla isayinwe ndikhona ngalo mhla:

\_\_\_\_\_ apha \_\_\_\_\_  
(Umhla) (Igama lesikolo)

\_\_\_\_\_  
(Isignitsha yenqununu)

Isitampu sesikolo:

Le Mvumelwano iyiMbopheleleko imele ukugcinwa de kube semva kokusonjululwa kwezitenxo zoviwo nokuqhutywa kweenkqubo zokufakwa kwezibheno ezibangelwe koku. Ikopi mayinikwe umviwa, lo gama ikopi eyintsusa igcinwa esikolweni.

## IINDIDI ZEZITENXO EZINOKWENZEKA

| NO | UDIDI LWESITENXO   |
|----|--|
| 1  | Ukufika emva kwexesha (abayi kuvunyelwa abaviwa ukuba babhale ukuba bafika emva kwexesha elingaphezu kweyure kwakuba kuqalisiwe ukubhala yaye abayi kunikwa xesha longezelelweyo abaviwa abafika emva kwexesha)  |
| 2  | Ukuza nezinto/nemathiriyeli engagunyaziswanga kwigumbi lokubhalela uviwo (ii-crib notes, iiselula, ezinye iidivayisi zekhompuyutha njl.njl.)   |
| 3  | Ukukopa (komnye umntu/kwenye incwadi/imathiriyeli)   |
| 4  | Ukuvumela abanye abaviwa ukuba bakope kubo   |
| 5  | Abantu ababhalela abanye abangekho mthethweni ( <i>ghost writers</i> ) (nawuphi na omnye umntu obhala egameni lomviwa (labaviwa)   |
| 6  | Ukususwa kwamakhasi/kwamaphepha kwiincwadi zeempendulo okanye ukonakaliswa kweencwadi zeempendulo (wonke umsebenzi ongalungiswanga ( <i>rough work</i> ) mawenziwe kwincwadi yeempendulo ngepensile, ukrwele uhlatywe ngomgca obhalwe " <i>rough work</i> " )  |
| 7  | Ukubhala inombolo yoviwo engachanekanga kwincwadi yeempendulo  |
| 8  | Ukwamkelwa iimpendulo kubagadi babaviwa okanye kulo naliphi na elinye igosa  |
| 9  | Ukungaphumeleli ukungenisa incwadi yempendulo namaphepha eempendulo ahamba odwa kumgadi wabaviwa ekupheleni kweseshoni yoviwo.   |
| 10 | Ukunxila okanye ukuba phantsi kweempembelelo zeziyobisi ezingekho mthethweni nendlela yokuziphatha komviwa engafanelekanga   |
| 11 | Naluphi na udidi lwesoyikiso   |
| 12 | Ukufumana iphepha lemibuzo kwenye indawo/komnye umntu ( <i>another source</i> ) phambi komhla nexesha lokubhalwa koviwo elimiselweyo nokuhanjiswa kwephepha lemibuzo liyikopi eprintiweyo okanye eyekhompuyutha ( <i>electronically</i> ) kusetyenziswa amajelo onxibelelwano (umzekelo u-WhatsApp njl.njl.) |
| 13 | Ukubhalwa koviwo ngaphandle kwindawo yokubhalela uviwo   |
| 14 | Ukungaphumeleli ukutshekisha kumgadi wabaviwa ukuchaneka kwephepha (inani lamaphepha, inani lemibuzo, ithuba elithathwa liphepha, ukulungiswa kweempazamo – ukuba zikhona)   |

|     |   |
|-----|---|
| 15  | Nasiphi na isenzo sokuziphatha kakubi ngokumalunga nomviwa okanye nomnye umntu, nesiya kumvumela ukuba ancedeke ngendlela engafanelekanga ngethuba lokubhalwa koviwo  |
| 16  | Ukungaphumeleli ukunika nayiphi na ingxelo ngalo naluphi na ulwazi okanye olokubakho kwephepha elipapashwe phambi kokuba libhalwe ( <i>leaked paper</i> ) okanye ukulifumana ngokuthe ngqo okanye ngokungathanga ngqo iphepha elipapashwe phambi kokuba libhalwe. |
| 17. | Ukungaphumeleli ukunika nayiphi na ingxelo ngokufunyanwa kanye ngqo okanye ngokungathanga ngqo ( <i>direct or indirect access</i> ) kwephepha elipapashwe lingekabhalwa ngo-WhatsApp nokungaxeli ukuba lifunyenwe phi na iphepha.                                 |



## ISIHLOMELO B

### ISITHEMBISO SOKUZIBOPHELELA SEEMVIWO ZESATIFIKETHI SEMATRIKI SIKAZWELONKE

Mna,.....,ngokwenjenje ndenza esi sithembiso sokuzibophelela ngokuyinene:

- (a) Ukwenza konke okusemandleni am kwiimviwo ezizayo ukwenzela ukuba ndiphumeze iinjongo zam buqu nezezifundo zam endizibekele zona.
- (b) Ukugxininisa kwizifundo zam yaye ndisebenzise lonke ixesha lam ukurivayiza umsebenzi esele ndiwezile ngethuba lonyaka yaye ndiphucule zonke izakhono endizidingayo ukwenzela ukuphumelela kwiimviwo.
- (c) Ndiya kubanika inkxaso ngokunjalo oontanga bam xa silungiselela ezi mviwo ngenzondelelo.
- (d) Andiyi kuphazanyiswa ziimeko zam buqu okanye zezinye iimeko njengoko ndijolise ekuphumeleleni ibanga lemfundo leSatifikethi seMatriki sikaZwelonke.
- (e) Ndithembisa ukuyigcina imigaqo yokunyaniseka nokuthembeka kolu viwo:
  - (i) Ngokuthobela yonke imigaqo nemimiselo echaphazelekayo yeemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke;
  - (ii) Ngokulandela imiyalelo eyaziwayo nesemthethweni yomgadi wabaviwa ngethuba lokubhalwa kweemviwo;
  - (iii) Ngokungalukuhlwa ukuba ndikope kwiimviwo nangayiphi na indlela nangubani na kuqukwa nomgadi wabaviwa';
  - (iv) Ngokungathathi nxaxheba nakweziphi na izenzo ezingalunganga eziquka kodwa zingaphelelanga kwezi: ukukopa, ukuba nemathiriyeli engagunyaziswanga okanye idivayisi yekhompuyutha (umzekelo iselula), ukwamkela okanye ukunika uncedo omnye umviwa, ukubhala egameni lomnye umfundi okanye nasiphi na isenzo esingagunyaziswanga;
  - (v) Ngokuxela nasiphi na isenzo esingalunganga endisaziyo kwinqununu.
  - (vi) Ngokuqinisekisa ukuba andinayo kum iselula okanye nasiphi na isixhobo esiyidivayisi yekhompuyutha ngethuba lokubhalwa kweemviwo.
  - (vii) Ngokuqinisekisa ukuba, xa ndifumene nayiphi na ingcaciso emalunga nephepha lemibuzo eliseza kubhalwa, ndiya kwazisa ngokukhawuleza utitshala wesifundo wam kunye nenqununu.
  - (viii) Ngokuthobela zonke iiprothokholi ze-COVID-19 neemfuno ezimiselweyo, ngawo onke amaxesha, ukwenzela ukuqinisekisa ukhuseleko lwam nolwabanye abaviwa.
- (f) Ndenza esi sithembiso ngokuyinene yaye ndiyavuma ukuba esi sithembiso siyimbophelelo nakwisazela sam.

|                         |  |
|-------------------------|--|
| <b>Igama:</b>           |  |
| <b>Inombolo yoviwo:</b> |  |
| <b>Igama leZiko:</b>    |  |
| <b>Isignitsha:</b>      |  |
| <b>Umhla:</b>           |  |